basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

**ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)**

**IPHEPHA LOKUQALA (P1)**

**FEBRUWARI/MATSHI 2016**

**IMEMORANDAM**

**AMANQAKU: 70**

**Le memorandam inamaphepha asi-9.**

## ICANDELO A: ISICATSHULWA

## UMBUZO 1

**Umakisho lwesicatshulwa lumi ngolu hlobo:-**

- Ngenxa yokuba kugxininiswa ekufundeni ngokuqondayo, akufanelekanga ukuba upelo olugwenxa neemposiso zolwimi kwiimpendulo zinyityelwe amanqaku ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo yempendulo elindelekileyo. (Nangona kunjalo, kunyanzelekile ukuba iimposiso ezikhoyo ziqatshelwe ngokukrwelelwa).
- Kubaviwa abasebenzise amagama athatyathwe kolunye ulwimi ngobunjalo bawo, olungesiso isiXhosa, musa ukuwathathela ingqalelo lawo magama anjalo, kananjalo banganyityilelwa manqaku xa ngaba iimpendulo ezinikiweyo zinembadla. Nangona kunjalo, oku akuchaphazeli iimeko apho kusetyenziswe amagama akwisicatshulwa olunye ulwimi abhalwe ngobunjalo bawo.
- Akunikwa manqaku ngeempendulo ezingu-EWE/HAYI, NDIYAVUMA/ ANDIVUMELANI kuphela. Anikwa kuphela xa umviwa eyizakuzele ngokuvokothekileyo impendulo yakhe.
- Akunikwa manqaku ngeempendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, okanye YINYANI/LULUVO kuphela. Anikwa kuphela xa umviwa eyizakuzele ngokuvokothekileyo impendulo yakhe.
- Kwimibuzo apho kulindeleke iimpendulo eziligama elinye aze umviwa anike isivakalisi esipheleleyo, kumakishwa ngokuchanekileyo impendulo elindelekileyo eligama elinye xa ngaba ikrwelelwe/igqanyisiwe.
- Kulindeleke iimpendulo ezimbini/ezintathu, umviwa udwelise uluhlu lweempendulo ezininzi, makisha kuphela ezimbini/ezintathu zokuqala.
- Iilwimi zengingqi neziyelelani zesiXhosa zamkelekile.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokupheleleyo, iyamkeleka.

1.1 1.1.1 Ngumntu omehlo aphelelwe ngumlilo√/Ngumntu othiwe chu ngesandla√/Ngumntu orholwa ngentonga ngobonayo.√

(Nasiphi na isibini kwezi) (2)

1.1.2 Bubumfama bomntu ongazange adibane neempembelelo zesikolo√/bubumfana bomntu ongafundanga.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

1.1.3 Ukukhupha imbilini yakho komnye umntu√√/Ukuthetha komnye umntu konke okungaphakathi kuwe√√/Ukuthetha komnye umntu kanye ngale ndlela uvakalelwa ngayo.√√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

1.1.4 Iindaba zakhe ziviwa ngomnye umntu kuqala, kuba yena uyanyanzeleka ukuba afune umntu wokumfundela.√ (1)

1.1.5 'Inqweme lenkawu lidliwa babini owesithathu ngumnqakathi.'√ (1)

1.1.6 Ibandisa ngokuba ingabafundisi abantwana bayo √√/Ayibathumeli sikolweni abantwana bayo√√/Amakhwenkwe alusa iinkomo neegusha ukuze ichebe ilime√√/Amantombazana iyawendisa ukuze alotyolwe.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

1.1.7 Kufanelwe ukuba abazali babantwana abatshinizayo babe ngqongqo balazi ixabiso lemfundo√√/Kufanelwe ukuba abazali babantwana abatshinizayo babe banava okuphatheka kalusizi komntu ongafundanga.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

1.1.8 Umhlathi wesibini uthetha ngobumfama bomzali ongafundanga obuphumela ebantwaneni bakhe kanti kumhlathi wesithathu bubumfama babantwana abangafuni mfundo.√√ (2)

1.1.9 Yintswelo√/Bubulwelwe.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

1.1.10 D. ubuntu√/D√/ubuntu.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

1.1.11 Ngokuva ubushushu bemitha yelanga√/Nangokuthi cwaka kwezidalwa ezisemhlabeni.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

1.1.12 Ukwenzakala√/Ukuhliwa kukugula okude kufikelele emehlweni√/ Ukuyekwa kwabantwana bafunde incwadi elangeni okanye phantsi kwesibane esimfiliba√/Ukunxiba amehlo eglasi kuba ubani ecinga ukuba ayamfanela.√

(Nasiphi na isibini) (2)

1.1.13 Iliso lakhe lenkumbulo lisazibona zonke izinto awayezazi√√/ Unokufundiseka lula ukuba enze imisebenzi yezandla.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

1 .1.14 Akabuvezi njengesiphelo sobomi kuba uthi zikhona izikolo ezilungiselelwe bona ezinokubanceda.√√ (2)

1.2 **ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**

1.2.1 Lithetha ukuba akaboni ukhokelwa zezi zinja√√/lithetha ukuba uncedwa zezi zinja ukuze akwazi ukuya kwindawo afuna ukuya kuyo.√√

(Nayiphi na kwezi) (2)

1.2.2 Kuveza ubudlelwane obububo phakathi kwakhe nezi zinja√/ Kuveza ukuthandana kwakhe nezi zinja √/Kuveza ukuthembana kwakhe nezi zinja.√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (1)

1.2.2 Kuveza ubudlelwane obububo phakathi kwakhe nezi zinja√/Kuveza ukuthandana kwakhe nezi zinja √/Kuveza ukuthembana kwakhe nezi zinja.√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (1)

1.2.3 Iphuhlisa ukuzithanda√/Iphuhlisa ukuzikhathalela√/Iphuhlisa ubunene.√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (1)

1.2.4 Ukonwaba√ oku kuhambelana noncumo analo√/Intetho yakhe ethi ndibhiyozela ukufumana amehlo amatsha ...√/Uvuyo√ oku kuhambelana nokuba uyahleka√/Oku kuhambelana nentetho yakhe ethi ndibhiyozela ukufumana amehlo amatsha ...√

(Nayiphi na kwezi) (2)

1.2.5 Umhlathi wesi-3 kwisicatshulwa A uthetha ngobumfama bokungafundi.√
Isicatshulwa B sithetha ngobumfama bokungaboni ngamehlo.√ (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: UKUBHALA USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

**Ukumakisha isishwankathelo:**

Isishwankathelo masimakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo- manqaku**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (inqaku ngengongoma nganye)
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa besebenzise amazwi abo:**
  - 1–3 amanqaku achanekileyo: Nika inqaku eli-1 lolwimi.
  - 4–5 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-2 olwimi.
  - 6–7 amanqaku achanekileyo: Nika amanqaku ama-3 olwimi.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa abalingwa becaphule.**
  - 6–7 amanqaku acatshulweyo: akunikezelwa manqaku olwimi.
  - 1–5 amanqaku acatshulweyo: nikezela inqaku libe li-1 lolwimi.

**QAPHELA:**

- **Ubalo-magama**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
    Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ukuya kumagama ama-5 ngaphezulu kwaqingqiweyo ungawahoyi alandelayo.

Naziphi na iingongoma ezisi-7 kwezi zilandelayo ziyimpendulo yombuzo.

| UCAPHULO | | IINGONGOMA | |
|---|---|---|---|
| 1. | 'Ukufunda oku umntu uya kufunda ade akhokhobe okanye aye kungena engcwabeni kuba imfundo ayinaxesha, ayinamlinganiselo, yaye ingenabudala. Injalo ke lento kuthiwa yinkalo kalwazi ayiphelelwa xesha'... | 1. | Imfundo ayikhulelwa, kuba kuvela izinto ezintsha mihla nemihla. |
| 2. | 'Inkalo kalwazi singayifanisa nendlu eyakhiwe ngokugqibeleleyo ngebhongo, kodwa umniniyo afumanise ukuba lonke ixesha usoloko enezinto azilungisayo apha kule ndlu ngeli xa aya kube ayenze kuyo'. | 2. | Ulwazi lufana nendlu ekhangeleka iyeyebhongo, inento yonke abe umnikazi wayo engekoneli efuna ukuyiphucula ngalo lonke ixesha. |
| 3. | 'Nalapha ke kwamfundo, uyakwazi ukuthi ubufundele into ethile, usebenza, uxelenga, uzibiza ngayo, kodwa kuthi ekuhambeni kwamaxesha kufumaniseke ukuba ikho le ndawo ekungathi ungathi xa unokuyifikelela, ufumane ukuxola, kanti ke akunjalo'. | 3. | Umntu uyakwazi ukuthi ngoku afundileyo, aphangelayo abe esanqwenela ukuziphucula ngakumbi. |
| 4. | 'Le nkalo ifuna unyamezelo, inkathalo, inkuthalo kunye nokuzimisela okugqibelelyo'. | 4. | Imfundo ifuna umonde, inyameko ukuzinikezela, uzijule ijacu ngamandla. |
| 5. | 'Ngabayinxanelweyo kuphela abaye babe nokuzuza impumelelo kule nkalo kalwazi'. | 5. | Abantu abaphumeleleyo ngabo banolangazelelo olumandla lolwazi. |
| 6. | 'Abo bathe balingcamla ifuthe lenkalo kalwazi babizwa ngokuba bazizibane ezithi zikhanyisele lonke ilizwe, bekhanyisela bonke abantu'. | 6. | Abaxhamle kolu lwazi baziwa njengabantu abazisa ukhanyo elizweni liphela nakubantu jikelele. |
| 7. | 'Inzulu inkalo kalwazi, ayigqibeki, ayipheli, ayiphelelwa xesha, ayitshitshi, imi imi'. | 7. | Inkalo kalwazi yendele, ingunaphakade, ayitshitshi, ihlala ihleli kwaye akukho bani wazi konke. |

**UMHLATHI**

Imfundo ayikhulelwa, kuba kuvela izinto ezintsha mihla nemihla. Ulwazi lufana nendlu ekhangeleka iyeyebhongo, inento yonke abe umnikazi wayo engekoneli efuna ukuyiphucula ngalo lonke ixesha. Umntu uyakwazi ukuthi ngoku afundileyo, aphangelayo abe esanqwenela ukuziphucula ngakumbi. Imfundo ifuna umonde, inyameko ukuzinikezela, uzijule ijacu ngamandla. Abantu abaphumeleleyo ngabo banolangazelelo olumandla lolwazi. Abaxhamle kolu lwazi baziwa njengabantu abazisa ukhanyo elizweni liphela nakubantu jikelele. Inkalo kalwazi yendele,ingunaphakade, ayitshitshi, ihlala ihleli kwaye akukho bani wazi konke. **[70]**

**AMANQAKU ECANDELO B: [10]**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### Ukumakisha iCandelo C

- Upelo
    - Iimpendulo eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
    - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa ngaba isiphene eso sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
    - Xa kuvavanywa izifinyezi, impendulo mayifakwe iziphumlisi ngokuchanekileyo.
- Ulwakhiwo lwezivakalisi kufuneka luchaneke ngokwemigaqo yolwimi kwaye lusetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.
- Kwimibuzo ekulindeleke ukuba umviwa akhethe impendulo echanekileyo, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/OKANYE nempendulo echanekileyo ebhalwe ngokupheleleyo, iyamkeleka.

### UMBUZO 3: UKUCAZULULA ISIBHENGEZO-NTENGISO

3.1 Kwenzelwa ukutsala amehlo abantu√/Ukuloba abantu.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

3.2 Buyisa amehlo enyama.√√ (2)

3.3 Ewe kufanelekile kuba baza kufumana ukuhoywa ngokukodwa.√√

Hayi akufanelekanga oko kubonisa ucalu-calulo. √√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

3.4 Islogani 'Buyisa amehlo enyama' siveza ukuncedeka ekuboneni kanti umfanekiso okwisibhengezo-ntengiso ubhalwe 'Iliso isikolo sabangaboniyo'.√√ (2)

3.5 Khawuleza √/Gxabhagxabhisa√/Ngxama.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

3.6 Kutyalwe imithi phambi klwaso√/ingca engaphambi kwaso intle √/sihonjiswe ngeheji√/isakhiwo sikhangeleka sikumgangatho wala maxesha.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

3.7 Lo mlambo iliso lawo liphuma kulaa ntaba√/kuwe iliso kwisihombo sikamama sasentanyeni√/ubhuti liliso lekhaya xa utata engekho.√

(Nayiphi na kwezi) (1)
**[10]**

**UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI**

4.1 Yijenali yezincoko√/yincwadi.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

4.2 Sisetyenziselwe ukubonisa umothuko√/sibonisa ukothuka√/sisetyenziselwe ukubonisa ixhala.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

4.3 C. Ukothuka nexhala√/C√/Ukothuka nexhala.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

4.4 Yingxolo yokukhala kukanomathotholo.√√ (2)

4.5 Ngunomathotholo√/Irediyo.√

(Nayiphi na kwezi) (1)

4.6 Akabakhathalelenga abanye abantu√ kuba uthi babhibhidla nje amazinyo√/ucingela yena yedwa√ kuba uthi ufunda ngcono ngolu hlobo√/Akanasimilo√ kuba akamjonganga lo ukhalazayo.√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

4.7 Kukubonisa ukuba izenzo zakhe zidobelela abanye abantu√/ukhangeleka emdala kunabanye√/uzibona emkhulu kunabanye.√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (2)

**UMBUZO 5: ISICATSHULWA**

5.1 abo.√ (1)

5.2 Siphuhlisa ubukhulu.√ (1)

5.3 Sicacisa isenzi.√ (1)

5.4 Liyafundeka eli phepha√/Ziyafundeka ezi ncwadi.√

(Nayiphi na impendulo echanekileyo) (1)

5.5 ... ingaba kuya kufuneka beqale nini na kanye ukuze i√imviwo zifike bequle balibetha lamuncu. (1)

5.6 Bakrwaqule.√ (1)

5.7 Andiyi kufunda ngamandla kwakufudumala eNtlakohlaza.√ (1)

5.8 Mnu.√ (1)

5.9 U-zi okwisivakalisi sokuqala sisivumelanisi senjongosenzi. √

U-zi okwisivakalisi sesibini sisakhi sokuzenza. √ (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE: 70**